Isalathiso: 201903021-2325
Inombolo yefayili: 12/2/11/9
Imibuzo: N Nyamza

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0005/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso yeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba seSiseko, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaCandelo eZifundo zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ungenelelo ngoncedo lokufunda ngeelwimi zesiNtu

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (*DBE*) liqaphele iziphumo ezinwenwe gqitha kunye neengcebiso ze-*2016 Progress in International Reading Literacy Study* (*PIRLS*) *Report* kwanezinye iziphumo zophando ezibonisa ngokubhaliweyo iziphumo zokufunda nolwazi lokufunda nokubhala (*reading and literacy outcomes*) olukumgangatho ophantsi kumabakala abasaqalayo.

2. I-*DBE* ithathe isigqibo sokuba inike uqeqesho ekufundiseni ngeelwimi zesiNtu kuwo onke amaphondo ukususela ngoApreli 2019. Injongo yalo masifundisane kukuqeqesha ootitshala ngolwakhiwo kunye nemigaqo yobhalo yeelwimi zesiNtu kunye nemigaqo yokusetyenziswa xa kufundiswa uKufunda (*Reading*).

3. Kunyanzelekile ukuba onke amaphondo aqalise oomasifundisane bokufunda ngeelwimi zesiNtu kuzo zonke izikolo zabafundi abathetha isiXhosa ukususela ngo-2019.

4. Ngo-2019 iSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) liya kugxila kuqeqesho lootitshala beBakala 1 abasebenzisa isiXhosa njengoLwimi loKufunda noKufundisa (*Language of Learning and Teaching*) (*LoLT*). Emva koko, baya kuqeqeshwa ngokumana kusongezwa (*incrementally*) ootitshala bamaBakala 2 no-3 ngo-2020 nango-2021 ngokulandelelanayo.

5. ICandelo leMfundo noQeqesho Jikelele (*GET*) libambisene ne*Cape Teaching and Leadership Institute* (*CTLI*) ukuqeqesha aba titshala e*CTLI*.

6. Kuya kuqeqeshwa malunga nootitshala abayi-601 beBakala 1 abasuka kwizikolo eziyi-166 zabafundi abathetha isiXhosa.

7. Le ngcaciso imfutshane yazisa izikolo ukuba ootitshala beBakala 1 bazo baya kubandakanywa kuqeqesho lwenkqubo yokufunda ngeelwimi zesiNtu.

8. Uqeqesho luya kuqhuba ukususela ngoApreli ukuya kuAgasti 2019.

9. Uqeqesho luya kuthatha iintsuku ezintlanu. Bonke ootitshala beBakala 1 abasebenzisa isiXhosa njenge*LoLT* kunyanzelekile baye kuqeqesho kwithuba leeveki ezikhethiweyo.

10. I-*CTLI* iya kumhlawula utitshala obambeleyo (*substitute teacher*) ngethuba lale veki yoqeqesho.

11. Izithili ziya kuyixela imihla neendawo ekoqhubeka kuzo olu qeqesho kwangaphambili.

12. I-*CTLI* iya kuthumela izimemo ezikolweni ukwazisa ootitshala beBakala 1 abaya kuba befuna ukuya kuqeqesho kwiiveki ngeeveki.

13. Iya kuthakazelelwa kakhulu inkxaso yakho yalo masifundisane ubaluleke kangaka.

14. Ngayo nayiphi ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane noMququzeleli weSigaba seSiseko esichaphazelekayo kwisithili sakho:

ISithili	**UMququzeleli**	**Ifoni**	**I-imeyili**	**Ifeksi**
Metro North	Jenny Daniels	021 938 3044	Jennifer.Daniels@westerncape.gov.za	086 666 0875
Metro Central	Juanita van der Merwe	021 514 6773	Juanita.VanderMerwe@westerncape.gov.za	086 402 3087
Metro South	Vanessa Williams	021 370 2025 083 309 1383	Vanessa.Randelhoff@westerncape.gov.za	086 699 5479
Metro East	Marie Engelbrecht	021 900 7191	Marie.Engelbrecht@westerncape.gov.za	086 556 9519
West Coast	Michelle Delport	021 860 1590 060 508 8305	Michelle.Delport@westerncape.gov.za	086 275 1685
Cape Winelands	Diana Niemand	023 348 4606	Diana.Niemand@westerncape.gov.za	086 531 0476
Overberg	Lynn le Grange	028 214 7378	lynn.legrange@westerncape.gov.za	028 214 7400
Eden and Central Karoo	Nelmarie Kriel	044 803 8300	Cornelie.Kriel@westerncape.gov.za	86 678 7171

15. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beBakala 1 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2019-03-08